Bauwagen goes South

“I-Bauwagen ihlela emazantsi”

INCWADI YESIKHOKELO

STADTOASEN e.V. ®

Verein für Urbanes Leben - Aachen

seed

transforming learning through permaculture

Bauwagen goes South

“I-Bauwagen ihlela emazantsi”

INCWADI YESIKHOKELO

Editing:
Talfryn Harris, Helene Hüttinger, Norbert Kuntz, Glen Tyler, Holle Linnea Wlokas

Januar 2007

This handbook is supported through the programme „Kommunale Entwicklungszusammenarbeit in NRW“ by the Ministery of Generation, Family, Womon and Integration NRW (MGFFI NRW) and InWent gGmbH.

Ministerium für Generationen, Familie, Frauen und Integration des Landes Nordrhein-Westfalen

NRW.

inWent
Internationale Weiterbildung und Entwicklung gGmbH

Le projekthi yencwadi esisikhokelo ebizwa ngokuba “Bauwagen Goes South” “iBauwagen ihlela emazantsi” isekelwe kumava amavolontiya awenza iiprojekthi ezimbini ze-Bauwagen (ngo-2004 nango-2006) neMibutho emibini engekho phantsi kolawulo lukaRhulumente iStadtoasen (okuthetha umthombo wesixeko) – Aachen ne-SEED – eKapa, eyeyona iququqzelele ezi projekthi zimbini.

Injongo yale ncwadi yesikhokelo, kukukhokela amavolontiya exesha elizayo kwiprojekthi yawo nokubabonisa iingxaki ezinokubahlela ngokunjalo nemisebenzi abanokuyiphumeza kwiiprojekthi ezizayo ze-Bauwagen.

Iziqulatho

1. Imvelaphi
   1.1. Ubuhlakani
   1.2. Aachen
   1.3. IKapa

2. Abadlali
   2.1. Stadtoasen
   2.2. SEED

3. Bauwagen Aachen – eKapa

   3.1. Isizathu nesihloko

   3.2. IProjekthi ka-2004
      3.2.1 Imvelaphi
      3.2.2 Uluhlu lweziganeko ngokwamaxesha azo
      3.2.3 Iziphumo
      3.2.4 Imiceli-mngeni

   3.3. IProjekthi ka-2006
      3.3.1 Imvelaphi
      3.3.2 Uluhlu lweziganeko ngokwamaxesha azo
      3.3.3 Iziphumo
      3.3.4 Imiceli-mngeni

   3.4. Iziphelo

      3.4.1 Ukukhethwa kwesikolo ukwenza iprojekthi
      3.4.2 Ukukhethwa kwamavolontiya
      3.4.3 Iqela le-Bauwagen
      3.4.4 Ixesha elimiselwe le Projekthi eKapa
      3.4.5 Uhlahlo-lwabiwo-mali
      3.4.6 Ukuqhubeka kweprojekthi
      3.4.7 Unxibelelwano
      3.4.8 Iingxelo
      3.4.9 Imisebenzi eluxanduva
      3.4.10 Isiqinisekiso

   3.5 Uluhlu lokuzikhangela

Isihlomelo:
- Isivumelwano seSikolo
- Uxwebhu lwezicelo

1. Imvelaphi

1.1 Ubuhlakani

ISixeko saseKapa (eMzantsi Afrika) nase-Aachen (eJamani) zinobuHlakani be-Ajenda yama-21 ekhethekileyo, neyasekwa ngokusesikweni ngo-2000. Obu buhlakani sisivumelwano esimacala-maninzi, nesibonakalisa intsebenziswano phakathi kwe-Aachen neKapa kula manqanaba alandelayo:

- kuburhulumente bengingqi,
- kuluntu lwasekuhlaleni (i-NGOs ne-CBOs) kunye
- nakwimibutho yezoshishino.

Injongo yobu buhlakani kukuxhasa uphuhliso oluzinileyo nemigaqo ye-Ajenda yama-21 kusetyenziswa uququzelelo lobuhlakani neeprojkthi zobuhlakani eziphucula iimeko ezisingqongileyo, ezentlalo nezoqoqosho, kugxininiswa ngokukodwa ekupheliswani kwentlupheko. Oku akunakwenzeka kuphela ngokusebenzisa uTshintshelwano nabakuMntla okuMazantsi, kodwa kukwasetyenziswa nabantu abahlala e-Aachen abasebenza kunye, nabantu abahlala eKapa abasebenza kunye.

1.2 Aachen

ISixeko sase-Aachen sesona sixeko sikhulu kwiMpuma yeJamani, ngabantu abafikelela kuma-258 000 (ngoDisemba ka-2006). Esi sixeko sifumaneka kwimida yeJamani, iBelgium ne-Netherlands.

I-Aachen neendawo ezingqongileyo zinemozulu ephakathi yaye sithambekele kwimozulu yaselunxwemeni, nto leyo ethetha ukuba imozulu imanzi, ubusika obuzolileyo namaqondo obushushu azinzileyo. Isixeko sase-Aachen asinamathinzi acacileyo, nangona kunjalo kodwa kuluhlaza yaka kule ndawo, sifumaneka emazantsi yaye singqongwe ngamathafa anomtsalane, amahlathi neenduli.

Igama elithi Aachen lisekwe kwigama lesiJamani lakudala elithi “Ahha” (nelibizwa ngokuthi “Acha”) elithetha “aManzi”. Phambi kokwakhiwa kwesakhiwo esikhulu esiNgqukuva sase-Aachen,isixeko sase-Aachen sasisaziwa kuphela ngamaqula aso ashushu endalo. La maqula kwakunamarhe okuba ayasinyanga isifo samathambo nezinye izigulo. La maqula, phakathi kwezinye izizathu abangela ukuba iKumkani uKarl yakhe iSixeko sase-Aachen.

Ummandla ongqonge i-Aachen kwangaphambili wasele unabantu abamalunga nama-3000 ukuya kuma-2500 kwiminyaka yo-BCE. Kwinkulungwane yokuqala ye-C.E. amaRoma akha indawo yokuhlamba ngexesha lekhefu elaziwa ngokuba "yi-Aquis Granum" kumaqula ashushu. Malunga nonyaka ka-800 C.E. iKumkani uKarl yazikhethela iNkundla yase-Aachen ukuba ibe likhaya layo yazakhela ibhotwe lasebuKhosini (apho kumi khona iholo yesixeko ngoku) kunye neNdlu yeNkonzo yasebuKhosini (ngoku eyiKhathedrali yase-Aachen). Ukususela kwiNkulungwane ye-9 ukuya kweye-16 isixeko sase-Aachen yayiyindawo ekwakuthweswa kuyo izithsaba kwiikumkani zaseJamani. KwiNkulungwane ye-17 neye-18 isixeko sase-Aachen yaba yindawo ebalulekileyo ephilisayo neyokuhlamba ngexesha lekhefu yaye phantsi kwempembelelo emandla yamaFrentshi yaziwa ngokuba "Aix La Chapelle". Ngonyaka ka-1870 kwasekwa iYunivesithi yase-Aachen (RWTH). Isixeko sase-Aachen sonakaliswa ngamandla ngexesha leMfazwe yeHlabathi yeSibini (ngokukodwa ngenxa yohlaselo lwemikhosi yomoya phakathi konyaka ka-1941 no-1944) ngomyinge wama-65 % ezindlu ezatshatyalaliswayo.

Eyona mizi-mveliso ibalulekileyo kwisixeko sase-Aachen yeyobunjineli boomatshini, imveliso yeetayara, imveliso yezibane nezinto eziswiti, ngokukodwa umzi-mveliso owaziwa kwihlabathi liphela i-Aachener Printen. Ngokunjalo kukho amaziko ophando namashishini obuchwepheshe aphezulu, nadla ngokunxulunyaniswa ngomsebenzi neYunivesithi yase-Aachen (RWTH).

Xa kuthelekiswa nezinye izixeko zaseJamani, i-Aachen isentsha ngomyinge weminyaka eku-39.4 (inxalenye eninzi yabafundi, abamalunga nama-50.000, banegalelo koku). Umyinge we-17,7 % wabantu base-Aachen bakuluhlu lwabantu abavela kwamanye amazwe, nto leyo eyenza ukuba i-Aachen ibe sisixeko esineenkcubeko ezininzi.

1.3 IKapa

Ikapa sisixeko esikwinqanaba lesithathu ngokuthandwa ngabantu eMzantsi Afrika. Lilikomkhulu lephondo leNtshona Koloni, yaye ikwalikomkhulu lezomthetho eMzantsi Afrika, nalapho kufumaneka iPalamente yeSizwe nee-ofisi ezininzi zakwarhulumente. IKapa idume ngezibuko layo ngokunjalo nembonakalo yelizwe eyeyendalo kwindawo elikomkhulu leentyantyambo zeKapa, kuqukwa nophawu olubalulekileyo kwilizwe iNtaba yeTafile neCape Point.

Abona bantu abaziwayo abahlala kuqala kulo mmandla babehlala apha malunga neminyaka eli-12 000 eyadlulayo, nangona, iKapa laphuculwa njengesixeko kuphela xa amaDatshi ayesebenzisa izibuko lendalo iTable Bay njengesikhululo sokunikezela ngempahla kwiinqanawa zamaDatshi ezazihamba noomatiloshe zisiya kwiMpuma ye-Afrika, e-Indiya, nase-Asia kwiminyaka engaphezu kwengama-200 phambi kokuvela koMjelokazi iSuez Canal.

Kungoku nje iKapa lihlala abantu abazizigidi ezi-3. Uninzi lwabantu luhlala ezilokishini (kwiindawo zamatyotyombe); nangona kukho nabantu abazizityebi abahlala kwiindawo ezintle kakhulu zaseKapa. Ngokwembali yoMzantsi Afrika yokonganyelwa ngabaseNtshona, ngokukodwa inkqubo yoCalucalulo eyayinyanzeliswa ukususela ngo-1948 de yangu-1994, uninzi lwabantu abahlala ezilokishini ngabantu abamnyama ze uninzi lwabantu abahlala kwiindawo ezintle ibe ngabantu abamhlophe.

Abantu baseKapa, xa bebonke, ngabantu abakhulukileyo, abanobubele. Ulwaphulo-mthetho yingxaki eKapa (njengokuba lukho nakwezinye iindawo), kodwa ukuba ubani uthatha amanyathelo afanelekileyo othintelo akukho mfuneko yakukhathazeka. Kunamathuba amahle kakhulu okhenketho nokonwabela ukubuka indalo eKapa, ukususela kwiNtaba yeTafile ukuya kumanxweme amaninzi; iKapa linento eninzi ongayibona. Ziilwimi ezintathu ezisetyenziswa kakhulu eKapa, isiNgesi, isiXhosa ne-Afrikaans (neyavela kwisiDatshi).

2. Abalinganiswa

2.1 Stadtoasen

UMbutho ongajonganga nzuzo „iStadtoasen“ wasekwa ngo-1999 waphuhliswa kwi-Ajenda yama-21-inkqubo yase-Aachen. Lo mbutho uquka amalungu oluntu anomdla, nonjongo zawo ikukwenza idolophu edlamkileyo nekonwabelekayo ukuhlala kuyo.

Igalelo le-Ajenda yama-21 lilele kwiinkalo zophuhliso lwedolophu esemgangathweni, uyilo lwamabala avulekileyo olusemgangathweni nesifundo ngezinto eziphilileyo nendawo eziphila kuzo kwidolophu. Lo mbutho uzimele yaye nokungabi nacalucalulo olunobugrogrisi.

Iinjongo ze-Stadtoasen zezi:

- Ukuphucula umgangatho wobomi kwisixeko kusetyenziswa uthatho-nxaxheba lwabahlali.
- Ukuphucula umgangatho weendawo zoluntu nezabucala.
- Ukucwangcisa nokuphuhlisa imizekelo, ekhokelela kwisisombulo sethu sonke ngokuphathelele kuphuhliso lwedolophu
- Ukwazisa izimvo zabahlali kulungiselelwa inguqu kwiindawo abahlala kuzo.
- Ukumiselwa kwezimvo kulungiselelwa inguqu kokusingqongileyo

Ngokufanelekileyo i-Stadtoasen isungula iiprojekthi, nezenza izimvo zoluntu zibonakale yaye zibe zeziphathekayo. Oku kwenziwa ngokwesilogani sayo esithi: “Zama iindlela ezintsha ukuze ubone iindlela ezindala usebenzisa indlela entsha yokujonga izinto”.

Umbutho uxhasa iiprojekthi ukususela kuluvo lokumiselwa kwazo ukuya esiphelweni sazo. Ngeengxelo ezibuyayo, iindibano zocweyo nenkxaso, bonke abathatha inxaxheba bayabandakanywa kwisigaba ngasinye.

Umbutho uxhasa amaphulo abahlali ngolwazi olulodwa nangokusebenzisa namajelo osasazo. Kumatheko ethutyana iindlela zibe ngamabala okudlala ze iindawo zentlalo zayimithombo yesixeko. Imihlaba yezikolo namaziko ezikolo zabantwana abancinane eziguqulweyo, ngokunjalo neegadi zabaqeshi beendawo nokutyalwa kohlaza kumabala oluntu, kubonakalisa indlela la maphulo angaphucula ngayo imeko-bume engqonge iindawo zokuhlala. Ukuchongwa kwendawo nokwaneliseka “komxumi” ziziphumo zomsebenzi we-Stadtoasen.

2.2 SEED

I-SEED (iMfundo noPhuhliso lweMeko-bume eNgqonge iZikolo) ngumbutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente osekelwe kwiNtshona Koloni, kodwa osebenza kuMzantsi Afrika uphela. I-SEED yasekwa ngo-1998 njengeprojekthi yokulinga kwiSikolo samaBanga aPhantsi iBongalethu, isikolo esise-Nyanga (ilokishi yaseKapa). Iprojekthi yokulinga yaba yimpumelelo ze abe-SEED baqalisa njengeprojekthi epheleleyo ngo-2001.

I-SEED iququzelela imisebenzi ekhokelwa ngootitshala nesikolo nexhasa imeko-bume yokufunda ngaphandle isebenzisa iPermaculture yaye ixhasa uhlanganiso lweMfundo kokuSingqongileyo kuzo zonke iinkalo zesifundo, ngokungqinelana neeNgxelo zeKharityhulam yeSizwe (NCS).

Permaculture yindibanisela yamagama angala: “umphelo” kunye ”nolimo” okanye “umphelo” kunye ”nenkcubeko”. IPermaculture iyinkqubo yoyilo esebenzisa indlela yokujonga iinkqubo ukongeza iindawo zokuhlala abantu ezinzileyo ngokuhlola nokulinganisa iipatheni zendalo (izinto eziphililileyo nendawo ezihlala kuzo).

I-SEED inamalungu abasebenzi abathandathu, ababini kubo basebenza e-ofisini. Abaququzeleli abane basebenza rhoqo ezikolweni, yaye banelona xesha lininzi lokudibana “nabaxumi” be-SEED (izikolo). Wonke ubani kubasebenzi unamava athile ngokulima izityalo. I-ofisi ye-SEED engundlunkulu ise-Philippi, indawo ekumbindi kuzo zonke izikolo i-SEED esebenzisana nazo. I-ofisi ye-SEED inezixhoboe ziphele leyo ze-ofisi, yaye ikwanethala leencwadi lemithombo elincinane elinemithombo emininzi etsala umdla nge-Permaculture nokufunda kwimeko-bume yokufundisa. I-SEED “ineebhaki” ezimbini (ezilayishayo) nezisetyenziselwa ukuthutha yonke into ukusuka nokuya kwi-ofisi nasezikolweni.

3. Bauwagen Aachen – eKapa

3.1 Isizathu nesihloko

I-Bauwagen ihlanganisa abantwana, abazali nootitshala
"I-Bauwagen" ime kumhlaba wesikolo. Kuyo kukho abantwana abenza umsebenzi wobugcisa ngokuzoba, ukuncamathisela nokubhala. Isihloko sabo sithi: Singasenza njani isikolo sethu sibukeke sisihle? "I-Bauwagen" yabafundi iqulethe zonke izixhobo nezinto eziluncedo ukusebenzisa izimvo zabafundi, zabazali nezootitshala ngendlela ephathekayo Kodwa ingantoni iyonke le nto?

I-Bauwagen ngokucacileyo ithetha "ukwakha ikari", kodwa ingachazwa njengenqwelo enophahla okanye isikhotshi esisuswa kwesinye isikolo ukuya kwesinye ukuncedisa ukutyala uhlaza kwimihlaba yezikolo e-Aachen. Le projekthi yamiselwa e-Aachen yi-Stadtoasen yaye ixhasa uzinzo kwizinto eziphilileyo nendawo ezihlala kuzo nentlalo ngokwengqiqo echazwe kwi-Ajenda yama-21. Kwelinye icala kuxhaswa uhlanganiso lwentlalo nezikolo, kodwa ngaphezu koku kulinywe imithi namatyholwana, iindonga zityalwe uhlalza ze kwalinywa neegadi zezikolo, kusokhiwa neendawo zentlalo ezilungele izityalo nabantu kanti kokhiwe ngodongwe iindawo zokuhlala ezinophahla kwizikhululo zeebhasi.

Le projekthi okoko iqhutywa e-Aachen ukususela ngo-2003 yaye yamiselwa kwizikolo ezili-13 ezingqonge i-Aachen de kwasekupheleni konyaka ka-2006 yi-Stadtoasen ngoncedo lwengxowa-mali exhasa uphuhliso lokusingqongileyo kuMntla we-Rhein-Westfalia nentlaninge yabaxhasi ngemali (imizi-mveliso, iibhanka, iinkmpani ze-inshorensi), urhulumente wephondo nowengingqi.

Ngo-2003 kwafunyaniswa ukuba udaba lwe-Bauwagen kufuneka ludluliselwe yaye lulungiselelwe ukumiselwa eKhayelitsha. Injongo kukukhuthaza abantwana ukuba bathathe inxaxheba kucwangciso nendlela yokumiselwa kweeprojekthi. Ukuncitshiswa kwezinga lokonakalisa, uthatho-xanduva olongezekileyo nemisebenzi enenjongo ngexesha lekhefu lezikolo kufuneka kufikelelwe kuko yaye ngaphezulu kuluncedo ukulima iziqhamo nokufunda izakhono zokulima.

Injongo ephambili yeProjekthi ye-Bauwagen e-Aachen nase-Kapa kukuxhasa uthatho-nxaxheba lwabafundi ukuze babe nolwazi ngeMfundo yokuSingqongileyo nokubandakanya olu lwazi kubomi babo bemihla ngemihla esikolweni. Abafundi bazenzela eyabo imeko-bume ebangqongileyo/ umhlaba wesikolo ngokutsha. Badibanisa izimvo nootitshala babo, abazali neQela le-Bauwagen. Ngokusebenzisana nemeko-bume ebangqongileyo, abafundi baphuhlisa ngobuchule unxulumano nemeko-bume ebangqongileyo nokuyazi ngcono. Ngeli xesha besebenza bonke, (nangaphaya kwexesha lesikolo); abantwana bafunda ukusebenza ngokwamaqela. Umoya wokusebenza ngokwamaqela uphuculwa ngumsebenzi wabantwana nonxulumano lwabo nesikolo luyaphucuka. Umoya okanye imeko yesikolo ingatshintsha ngokugqibeleleyo xa kusetyenziswa le ndlela. Abafundi baba noxanduva olumandla kwibala lesikolo abazenzele ngokwabo nezityalo abazikhethele ngokwabo. Enye injongo kukucutha ingxabano ngamaxesha esidlo sasemini ngokuphucula umoya wokusebenza ngokwamaqela nokwazi izixhobo ezikwibala lokudlala abazokhele ngokwabo.

3.2 IProjekthi ka-2004

3.2.1 Imvelaphi

Abafundi ababini abenza isifundo soYilo lweZakhiwo baxhaswa yinkqubo ye-ASA (iNkqubo yokuPhuhlisa uMgaqo-nkqubo, InWEnt GmbH) ukuguqula iProjekthi ye-Bauwagen isebenze eKapa (1800 €).

Iprojekthi ye-Bauwagen e-Aachen naseKapa ka-2004 ibandakanya isigaba esinzulu eJamani (isigaba esikuMntla), nalapho:

- Amavolontiya ase-Aachen ebebandakanywe ngokumandla kwiProjekthi ye-Bauwagen
- Amavolontiya amabini aseKapa aziswa kwiProjekthi ye-Bauwagen e-Aachen
- Iqela le-Bauwagen laqaliswa ukuqulunqa incwadi yesikhokelo.

Igama eliphambili ubuchule beenkcubeko ezohlukeneyo: amavolontiya axoxa ngokumandla ngamalungiselelo eesemina ezingelizwe, inkcubeko, izimo zengqondo ezohlukeneyo, umothuko kwinkcubeko, njalo, njalo. Ulwazi lonke lwabathathi-nxaxheba lwaluxhaswa ziingxelo zabantu nguMfundisi-ntsapho we-ASA.

3.2.2 Uluhlu lweziganeko ngokwamaxesha azo

Kwaqalwa kwakhethwa izikolo ngokwenkqubo edibeneyo eyayiyilwe ngaphambili efana nobukhulu besikolo, inani labafundi, iiprojekthi ezikhoyo, imfuneko nomdla okhoyo kule projekthi. Kwakhethwa izikolo ezimbini, nezazingqinelana nenkqubo emiselweyo neprojekthi yokulinga ezazingaqaliswa.

Le projekthi yachazwa kootitshala bazo zombini ezi zikolo, nakwiSikolo seMfundo yobuGcisa iZenzeleni kwachazwa kwaboniswana ngayo kwintlanganiso yaBazali.

Ngexesha leeveki ezi-2 ezilandelayo izikolo zaba nethuba lokwenza isigqibo ngaphakathi ngeprojekthi leyo nokwenza isicelo kwiqela leprojekthi. Esinye sezikolo, iSikolo seMfundo yobuGcisa iZenzeleni, senza isicelo sale projekthi ngokusemthethweni, nekwakusisigqibo sokukhethwa kweso sikolo.

Kwenziwa isigqibo ngesivumelwano somsebenzi phakathi kwesikolo neqela le-Bauwagen, nesacacisa imisebenzi eluxanduva olufanelekileyo. Ngeli xesha, ngentsebenziswano nesikolo, kwacwangciswa ubume beprojekthi kuluhlu lweeNdibano zocweyo.

Isigaba socwangciso lweendibano zocweyo sibandakanya ukuqokelelwa kwezimvo zokuqala zomsebenzi wokuguqulwa komhlaba wesikolo ngokuba neengcingane nangokuhlaba amadlala ngokwakhayo. Zadityaniswa iziphumo kwenye indibano yocweyo. Kwaboniswana ngeziphumo zokuqwalasela amathuba ohlukeneyo amaqela emisebenzi ngokuphathelele kwinkxaso-mali, iimeko zezulu, ukwenzeka kweprojekthi, njl, njl. Ngale ndlela eli qela lathintela abafundi ekubeni balindele yaye babe nethemba lezinto ezingaqinisekiswanga.

Kwinyathelo elilandelayo, kwenziwa inkcaza ngophononongo lweziphumo zeendibano zocweyo nesicwangciso esafunyanwa apho kwaboniswana ngazo nooTitshala.

Ukuze singasibekeli bucala isigaba sokuqala seprojekthi (iindibano zocweyo) nesigaba sokumiselwa kweprojekthi ukuze kubekho inkuthazo ebonakalyo ngokohlobo lomzobo omkhulu oseludongeni kanye phambi kokuba kuqalise iiholide zehlobo. Abameli beMizobo eMikhulu kwiHlabathi (iprojekthi yobugcisa yehlabathi) uThulani Shuku no-Uta Goebel-Groß ndawonye nabantwana besikolo abali-10 kunye neqela le-Bauwagen bazoba indlu enguronta eyenziwe ngamaplanga eyeyeSikolo iZenzeleni, nesetyenziswa njengegumbi lokufundela.

Le projekthi yemizobo yagaywa yimibhiyozo emikhulu nokutyalwa kwemithi ekupheleni konyaka wokuvulwa kwezikolo, ngomhla we-3 kaDisemba. Inguqu eyenziwa kumhlaba wesikolo yagiqtywa ngoMatshi 2005 phantsi kolawulo lwe-SEED.

3.2.3 Iziphumo

Abantwana baziswa kwizihloko zokusingqongileyo, ezendalo nezingokwenza okutsha ngenkunkuma yaye oku kwaboniswa ngokucacileyo ngokucuthwa kwenkunkuma kumhlaba wesikolo kwiiveki ezilandela indibano yokuqala.

Ngaphezulu abafundi baqalisa ukuzayamanisa nomhlaba wesikolo sabo. Ukwenza amalungiselelo eprojekthi yobugcisa, abanye abafundi bazibandakanya ngokuzithandela ekupeyinteni indlu enguronta eyenziwe ngamaplanga emva kwexesha lesikolo. Ngexesha lomsebenzi wokwenziwa kweprojekthi yobugcisa, nayo eyayisenziwa emva kwexesha lesikolo, babebaninzi abantu ababenqwenela ukuba yinxalenye yayo ngokuzithandela.

Abanye abazali babezibandakanye kwiindaibano zokuqala, nto leyo eyayinika ithamba lokuba baza kuba nomdla yaye baza kuzibandakanya ngakumbi kule projekthi.

3.2.4 Imiceli-mngeni

<u>Uthekelelo olungachanekanga lwamalungiselelo ayimfuneko nexesha lokwenza umsebenzi:</u>
Kwelinye icala ixesha elalabiweyo lalingonelanga ngenxa kolwazi neengqiqo ezohlukeneyo kanti kwelinye icala uninzi lwemihla eyayimiselwe oku yayisoloko imiswa. Umzekelo, ixesha elalicwangciselwe iindibano zocweyo kwavunyelwana ngalo nomququzeleli wesikolo. Kanye emva kokuba kube ngumhla wendibano, kwatshintshwa ixesha layo. Oku kwakhokelela kwindibano yocweyo ekumgangatho ongemhle.

<u>Amavolontiya:</u>
Uluvo lwabantu abavoIontiya ngexesha labo kule projekthi lwalungafanelekanga ngokolwazi lweemeko zoqoqosho eMzantsi Afrika. Umsebenzi ohlawulelwayo waba ngowona uphambili kunomsebenzi weprojekthi nangona kwakukho amalungiselelo acacileyo oku. Oku kwakhokelela ekutyhafeni kweqela nakumsebenzi ngokubanzi. Iindibano zangaphambili nezophononongo nazo zachaphazeleka. Oku ke kwachaphazela ubuchule beqela bokuphumeza iindibano ngexesha elinikiweyo.

<u>Uthatho-xanduva:</u>
Emva kwale projekthi kwacaca ukuba uxanduva/umsebenzi wawungabiwa ngokucacileyo kunye/okanye wawungachazwa ngokucacileyo kwiqela le-Bauwagen.

3.3 IProjekthi ka-2006

3.3.1 Imvelaphi

Omnye wamavolontiya wathatha inxaxheba kule projekthi njengenxalenye yoNyaka wamaVolontiya asebenza kwizinto eziPhilayo nendawo ezihlala kuzo, waza wanyuselwa liQumrhu elisebenza ngembonakalo-mhlaba lase-Rhineland kwiprojekthi ye-Bauwagen Aachen naseKapa ngo-2006 (inkxaso-mali yokufunda ekhutshwa rhoqo ngenyanga yama-257 € + 121 € ngexesha ehleli eMzantsi Afrika). Wayesele edlale indima kwezinye iiprojekthi zeSikolo iBauwagen e-Aachen, yaye wayekwathathe inxaxheba kwiindibano zamalungiselelo.

Elinye ivolontiya yayingumfundi owenza isifundo sobuNzululwazi kwezePolitiki yaye wayedlala indima ngokohlobo lokwenza umsebenzi wesikolo. Wayezilungiselele ngokwakhe yaye nemali yokufunda wayezihlawulela.

3.3.2 Uluhlu lweziganeko ngokwamaxesha azo

NgoDisemba ka-2004 iSikolo samaBanga aPhantsi iKuyasa eKhayelitsha sonyulelwa iprojekthi yesibini ye-Bauwagen Aachen naseKapa. Icandelo lezifundo zeMbonakalo-mhlaba kwiYunivesithi yase-Aachen (RWTH) laphuhlisa ulwazi olulungiselelwe umhlaba wesikolo uphela, bethathela ingqalelo iimeko ezikhoyo ezingundoqo nokwandiswa kwesakhiwo okucwangcisiweyo. Olu lwazi lwaluza kuphunyezwa ngexesha leprojekthi ye-Bauwagen Aachen nase-Kapa ngo-2006.

Ngenxa yomsebenzi wokwakha kwiSikolo smaBanga aPhantsi iKuyasa, esi sikolo sasingakulungelanga ukuqalisa le projekthi, ngako oko kwaba yimfuneko ukuba kwezinwe isicwangciso esitsha. Ngoko ke iqela le-Bauwagen lagqiba ekubeni iprojekthi ye-Bauwagen Aachen naseKapa ngo-2006 kufuneka imiselwe kwiSikolo sabaKhubazekileyo eKhayelitsha, nesasele sibonakalise umdla kule projekthi ngo-2004 yaye sasenze isicelo kule projekthi kwabe-SEED.

Ixesha elalimiselwe isigaba seprojekthi nganye lacwangciswa ngentsebenziswano nootitshala, kuba ngenxa yokungabi nalwai lwesiXhosa kumavolontiya, abafundi nabo babeneengxaki ezizezabo (ezi zisusela kwintsilelo yokufunda ukuya kwiingxaki ezimandla zengqondo nokukhubazeka ngokwamalungu omzimba).

Iminqweno yabafundi kwaboniswana ngayo ngoncedo luka-Mzukisi Zele, ngelo xesha owayelivolontiya le-SEED (owathi emva koko waqeshwa njengoMququzeleli weSikolo yi-SEED).. Iziphumo zayilwa ngamavolontiya ethathela ingqalelo uhlahlo-lwabiwo-mali olukhoyo (RZA 16,500 ~ 2,000 euro), liimeko zalapha neemfuno ezizodwa zabantwana.

Ngeentsuku ezininzi zokusebenza kwaqwalaselwa izicwangciso ezininzi liqela le-Bauwagen ngokuzinikela kwabo bonke abafundi nootitshala.

3.3.3 Iziphumo

Ngokuguqulwa komhlaba wesikolo, kwaphunyelelwa ezi ziphumo zilandelayo:

- Kwasuswa into eninzi yenkunkuma
- Kwatyalwa imithi kwibala elikhulu elimelene nesitalato esikhulu, izityalo ezincinane nengca, ze ibalana elikhoyo logqunywa ngamatye
- Kwenziwa igadi yemifuno
- Kokhiwa amabala anemifuno ephambili kulungiselelwa abantwana abahamba ngezitulo ezinamavili
- Kokhiwa umjelo ngamatayara eetrektha
- Kwalungiswa izixhobo zebala elikhoyo lemidlalo
- Kwafakelwa ooveletshona (oogungqu) ababini nezitulo ezintlanu yinkampani yezixhobo zamabala emidlalo kumhlaba wesikolo.

3.3.4 Imiceli-mngeni

<u>Ukuba nokwenzeka:</u>
Ngaphandle kweengxelo zeprojekthi yokuqala ye-Bauwagen, intshukumo ekhawulezileyo kwiimeko ezingalindelekanga yaba ngomnye umceli-mngeni omkhulu kumavolontiya. Oku kwakubangelwa luqulunqo olungafanelekanga nekwakusesona sizathu siphambili ekwakufuneka kunxaxhwe kwisicwangciso sokuqala.

<u>Uhlahlo-lwabiwo-mali:</u>

Ngenxa yokungabikho konxibelelwano ngokunjalo nemithombo eyohlukeneyo yemali, kwabakho ukungaqondani ngokuphathelele kuhlahlo-lwabiwo-mali ngalunye olulungiselelwe:

- Ukuqeshwa kwezithuthi namafutha azo
- Indawo yokuhlala
- Iindleko zokumiselwa kweprojekthi (inkxaso-mali eyabiwe kwangaphambili)

Uthatho-xanduva:
Iimpawu zoxanduva/zomsebenzi weprojekthi nganye, umzekelo:

- Ukwenza amalungiselelo amaVolontiya ngokuphathelele kwilizwe, inkcubeko, njl, njl.
- Ukunyuswa kwengxowa-mali
- Ukwenziwa kwezigqibo

zazingachazwanga ngokwaneleyo okanye kuboniswane ngazo.

Unxibelelwano:
Yonke into yayingonxibelelwano ngokukodwa ngexesha lamalungiselelo e-Aachen njengoko kungazange kuboniswane nganto okanye kwaqondwa ngenye indlela izinto. Kwakuza kuba luncedo ukuba nemizuzu yokubonisana ngale projekthi.

3.4 Iziphelo

Ukwenza amalungiselelo nokuqulunqa iiprojekthi zexesha elizayo “ze-Bauwagen goes south” “iBauwagen ihlela emazantsi” kungcono izifundo ezifundiweyo mazibhalwe phantsi kule ncwadi yesikhokelo (okanye kwiinguqulelo ezizayo zale ncwadi yesikhokelo).

3.4.1 Ukukhethwa kwesikolo sokwenza iprojekthi

Isikolo siza kukhethwa yi-SEED. Iprojekthi “ye-Bauwagen goes south” iza kuba linqanaba lokugqibela “lokunikezelwa” kwisikolo esikhethiweyo kunyaka we-3 wenkqubo yemfundo ngokusingqongileyo ye-SEED.

Kuza kuba yimfuneko ukuba isikolo sityikitye isivumelwano phambi kokuba iProjekthi ye-Bauwagen iqaliswe kweso sikolwo. Esi sivumelwano (jonga umzekelo kwisihlomelo) kufuneka sibandakanye ulwazi lokuba isikolo siza kukhathalela umsebenzi wokumiselwa kweprojekthi yaye siwujonge ngokunjalo.

3.4.2 Ukonyulwa kwamavolontiya

Amavolontiya ase-Jamani aza konyulwa yi-Stadtoasen nabanye abantu abazibandakanye kwezi zicwangciso. Ngaphandle kwezincomo zesimo sabafaki-zicelo ezifanelekileyo le nkqubo ilandelayo yiyo eyenza izigqibo:

- Ulwazi olululo lwesiNgesi, oku kuza kuvavanywa kwisicelo (jonga uxwebhu lwesihlomelo sesicelo ngesiNgesi), udliwano-ndlebe lomsebenzi nalo luza kwenziwa ngesiNgesi.
- Umntu omnye ubuncinane kweli qela kufuneka abe ngaphezu kweminyaka engama-22 - iminyaka eyimfuneko ukuze ubani abe nakho ukuqesha isithuthi sabakhweli eKapa iqala kuma-23 (omnye kubafaki-sicelo kufuneka abe nekhadi lokwenza ityala ukuze abe nakho ukuqesha isithuthi)
- Izakhono eziphathelele kubugcisa bezandla nokutyala nolwazi olusisiseko lwe-Permaculture luluncedo kumfaki-sicelo
- Ukuba lilungu leqela nokuba nethuba lokusebenza kwimeko-bume eneenkcubeko ezohlukeneyo zizinto emaziqikelelwe kwangaphambili.

3.4.3 Iqela le-Bauwagen

Ngokwesiqhelo iqela lisekwa ngamavolontiya amabini aseJamani. Ngexesha leprojekthi eKapa iqela lingongezwa ngokupheleleyo ngumqeqeshwa we-SEED. Umqeqeshwa we-SEED wonyulwa yi-SEED. Umqeqeshwa we-SEED kufuneka abe nakho ukuxhasa umsebenzi weqela le-Bauwagen kwezinye izinto, ngokuncedisa ekutolikeni (umzekelo umtu ontetho yakhe isisiXhosa).

3.4.4 Ixesha elimiselwe iProjekthi yaseKapa

Ixesha leprojekthi eKapa liza kuthatha iinyanga ezintathu. Eli lixesha elaneleyo xa kujongwa ukuzama ukufumana iimpepha-mvume zokundwendwela, yaye amava abonakalise ukuba eli xesha lisebenza kakuhle kakhulu. Into ekufuneka kucingwe ngayo ikakhulu kuxa iprojekthi kufuneka iqhutyelwe eKapa.
Kufuneka kuthathelwe ingqalelo oku kulandelayo:

- Elona xesha lilunge kanye ukutyala kwiNtshona Koloni liphakathi koMatshi no-Okthoba. Ukususela ngoNovemba de kube nguFebruwari imozulu yome kakhulu yaye iyatshisa, ngoko akunakulunga ukutyala imithi okanye ingca ngelo xesha, njengoko zingasayi kuphila.

- I-ajenda yonyaka wesikolo: Iiholide zesikolo (imihla eza kuba kwaziwa yi-SEED) ingalithuba elihle lokuphuma kumsebenzi wesikolo nokwenza amalungiselelo okumiselwa kweprojekthi. Kananjalo eli xesha lisenokuba lithuba lelishwa kumsebenzi xa kungekho bani ucinge ngalo.

Elona xesha lilungle isigaba sale projekthi eKapa libonakala kwiinyanga ezisusela ngoMatshi, Epreli noMeyi. Ekuqaleni kweli xesha imozulu iseshushu kakhulu yaye yomile ngoko iindibano nabafundi mabasebenzi besikolo kulula ukuziqhubela phandle. Iveki enye yeeholide zePasika ilunge kanye, njengoko iintsuku zokuqala ku-Epreli zingasetyenziselwa ukunika ingxelo ebuyayo kootitshala emva kweendibano zocweyo, kunye nokuqalisa ukuthenga izixhobo zomsebenzi wokumiselwa kweprojekthi.

3.4.5 Uhlahlo-lwabiwo-mali

Uhlahlo-lwabiwo-mali lolunye lwemisebenzi ebaluleke kakhulu (eminye lunxibelelwano nothatho-xanduva), ukuba akukho mali yaneleyo, yonke le projekthi ayinakho ukwenzeka! Ngoko ke uhlahlo-lwabiwo-mali ngokukodwa unyuso-ngxowa kufuneka lugqitywe phambi kokuba abathathi-nxaxheba bafike eKapa!

Ekugqibeleni oku kuthetha ukuba amavolontiya aseJamani akazi kusijongela phantsi isigaba sale projekthi e-Aachen! Amavolontiya kufuneka anyuse ingxowa-mali e-Aachen – uhlahlo-lwabiwo-mali kufuneka lwanele ngokukhawuleza! Zizonke iindleko zale projekthi kufuneka zixhaswe ngemali ngamavolontiya ngokwawo okanye ngonyuso-ngxowa. I-Stadtoasen kwiimeko ezininzi ayinakho ukuxhasa ngemali le projekthi. I-SEED ingenza amalungiselelo enkxaso-mali ethile yokuthenga izixhobo ezongeziweyo kodwa oku kufuneka kuqaliswe kwiinyanga ezininzi kwangaphambili yaye kuququzelelwe ngocwangciso e-Aachen. Kananjalo i-SEED kufuneka iqinisekise ukuba ikho inkxaso-mali yokuhlawula umqeqeshwa okhoyo.

Ukuze ibe yimpumelelo le projekthi, kufuneka konyuswe ingxowa. Ukuba inkxaso-mali yamkelwe kubalulekile ukuqwalasela ukuba iza kusetyenziselwa injongo ethile kusini na. Kuyimfuneko ukuba kuhlawulwe ezi ndleko zilandelayo:

Iindleko zobuqu ezongeziweyo (zeenyanga ezi-3) njengoko zihlawulwe ngo-2006	
I-inshorensi yezempilo yangaphandle	20 € umntu ngamnye
Isitofu sogonyo	150 € umntu ngamnye
Ipasi Ipasi labafundi bamanye amazwe	30 € umntu ngamnye
Iindleko zenqwelo-moya ukuya nokubuya eJamani - eKapa[1]	800 € umntu ngamnye
Indawo yokuhlala eKapa	650 € umntu ngamnye
Ukutya	600 € umntu ngamnye
Ukuqesha izithuthi	800 € (iBeetle)
Amafutha ezithuthi	500 €
Iindleko zeProjekthi	
Izixhobo zendibano yocweyo	50 €
Isivundisi	2000 €
Uhlaza	
Izityalo	
Izixhobo zebala lemidlalo	800 €
Njalo, njalo.	

Inkxaso-mali yeendleko zokuhamba nezokuhlala kufuneka iqokelelwe kwi-akhawunti ye-Stadtoasen ze ihlawulwe ngaphambi kohambo lwamavolontiya. Inkxaso-mali yeendleko zeprojekthi ingahlawulwa kwi-akhawunti ye-SEED.

[1] Inkxaso-mali yokufunda ye-„Konkreter Friedensdienst“ evela kwi-InWent GmbH inganika ithuba lokuhlawula iindleko zokuhamba. Isigqibo sokunikezela inkxaso-mali yokufunda senziwa kuphela emva kokugqitywa kweprojekthi. Ngoko ke le nkxaso-mali ayinakuthatyathwa njengomthombo othembekileyo, yaye kungayimfuneko ukuba ihlawulwe ngabathathi-nxaxheba ngokwabo.

3.4.6 Ixesha leprojekthi – isigaba seprojekthi eKapa

- I-SEED yonyula isikolo sokwenza iprojekthi.
- Iprojekthi yezikolo ne-SEED ziza kutyikitya isivumelwano sentsebenziswano (jonga umzekelo kwisihlomelo)
- Umququzeleli we-SEED kwisikolo uza kwazisa imiqathango eyodwa nesakheko sabasebenzi besikolo kwiqela le-Bauwagen (umququzeleli we-SEED uza kupheleka iqela le-Bauwagen usuku olunye ngeveki yaye uza kuncedisa iqela le-Bauwagen ngeengcebiso namava)
- Iqela le-Bauwagen nootitshala baza kuvumelana ngexesha elimiselwe umsebenzi.
- Iqela le-Bauwagen liza kusindleka indibano yocweyo nabantwana nabasebenzi besikolo ukujonga izimvo zokuguqulwa komhlaba wesikolo
- Emva koko iqela le-Bauwagen liza kuqulunqa ngokusekelwe koku umzobo wesakheko esinokwenziwa ze lenze ikcaza ngawo kwisikolo
- Ngeli xesha kusenziwa umzobo (isicwangciso), kufuneka kuphuhliswe uluhlu lwezixhobo zokusebenza, uhlahlo-lwabiwo-mali nesicwangciso-xesha sovuselelo.
- Kufunwe imithombo yezixhobo efanelekileyo
- Umsebenzi wokwakha udityaniswa kumaxesha aqhelekileyo oqeqesho ze wabiwe phakathi kweeklasi
- Emva kokugqitywa komsebenzi ixesha eliseleyo liza kusetyenziselwa ukwazisa ootitshala nabafundi kumathuba okufunda ngezixhobo zokudlala kunye nokuzivavanya.

3.4.7 Unxibelelwano

Ngexesha lale projekthi iphela kuyimfuneko ukuba kuchotshelwe iintlanganiso rhoqo neqela le-Bauwagen lilonke. Umlawuli we-Bauwagen okhethiweyo weqela le-Stadtoasen okanye le-SEED nguye oza kukhokela ezi ntlanganiso.

Ngexesha lale projekthi yesigaba saseKapa kuyimfuneko ukuba kuchotshelwe iintlanganiso rhoqo nootitshala abazibandakanyileyo, umgcini wesikolo neNqununu ukuba kuyimfuneko ngenjongo yokuqinisekisa ubandakanyeko olusebenzayo kolu cwangciso nakumsebenzi.

3.4.8 Iingxelo

- Amavolontiya ayazibophelela ukuthumela rhoqo ngeveki ingxelo yenkqubo yeprojekthi kunye namanyathelo alandelayo kubalawuli abafanelekileyo be-SEED nabe-Stadtoasen
- Emva kwentlanganiso nganye amavolontiya kufuneka abhale phantsi imizuzu yentlanagniso ze ayithumele kubo bonke abathathi-nxaxheba (kuqukwa nezingxengxezo zabantu abangekhoyo)
- Ekupheleni kweprojekthi naphambi kokubuyela kwamavolontiya aseJamani kwelakokwabo bonke abathathi-nxaxheba (ootitshala, amavolontiya, iStadtoasen, iSEED) kufuneka bafumane ingxelo ebhaliweyo ngale projekthi.
- Amavolontiya kufuneka enze ingxelo buqu kwiKomiti yobuHlakani e-Aachen nge-Ajenda yama-21-ubuHlakani phakathi kwe-Aachen neKapa.
- Isikolo kuyimfuneko ukuba sizibophelele ngekontraka yexesha elithile ukunikezela ingxelo yenkqubela emva konyaka omnye kubalawuli be-SEED nabe-Stadtoasen.

3.4.9 Imisebenzi eluxanduva

Amavolontiya ngabathathi-nxaxheba abaphambili kule projekthi. Anoxanduva olupheleleyo lokwenza amalungiselelo nokumiselwa kweprojekthi nokuhlala kwabo eKapa. Ngaphezulu bayakhuthazwa ukuba bathathe inxaxheba (xa kuyimfuneko ngezabo iindleko) kwiindibano nakwiisemina ezingezihloko ezifana nokunyuswa kwengxowa-mali nolawulo lweprojekthi.

Amavolontiya kufunaka apheleke iqela le-Stadtoasen ngexesha leprojekthi ye-Bauwagen ukuya e-Aachen. Kananjalo kufuneka amavolontiya athathe inxaxheba ubuncinane kwiprojekthi enye kuzo zonke izigaba ngalo ndlela beziqhelanisa nezigaba zocwangciso, zoququzelelo nezolwakhiwo. Ngexesha leentlanganiso ezichotshelwa rhoqo kuza kuboniswana ngoluhlu lokuzikhangela ze ukuba kukho imfuneko kunikwe iingcebiso ezifanelekileyo ngokuphathelele kunyuso lwengxowa-mali,njl,njl. Luxanduva lwe-Stadtoasen ukuyinqumamisa iprojekthi ukuba amavolontiya akasebenzi ayigqibe yonke imisebenzi ekuluhlu lokuzikhangela ngalo ndlela impumelelo yale projekthi ibe sengozini.

I-ofisi ye-Stadtoasen nazo zonke izixhobo zobuchwepheshe ziza kuba luxanduva lwamaVolontiya. I-Stadtoasen iza kulawula isigaba samalungiselelo eJamani.

I-SEED iza kuxhasa amavolontiya eKapa ngokukodwa ngolawulo nentsebenziswano rhoqo ngeveki nomququzeleli. Iqela le-Bauwagen linakho ukusebenzisa i-ofisi ye-SEED nezixhobo ngokunjalo nezixhobo ze-SEED nebhaki yayo ukuba azisetyenziswa kwiiprojekthi ze-SEED.

Uxanduva lwesikolo esonyulelwe iprojekthi luza kubandakanya ukubopheleleka kwisivumelwano esatyikitywa ekuqaleni kweprojekthi (jonga umzekelo wesivumelwano kwisihlomelo).

3.4.10 Isiqinisekiso

Amavolontiya aseJamani kufuneka afumane isiqinisekiso seprojekthi esifanelekileyo emva kokugqitywa kweprojekthi kwi-Stadtoasen nakwiKomiti yobuHlakani, nabaza kuzifumana ngokuxhomekeke kulwamkelo oluyimfuneko kwiziko labo loqeqesho (umzekelo: Iziko leyunivesithi). Amavolontiya kufuneka avumelane ngexesha lamalungiselelo eprojekthi notitshala wabo neqela le-Stadtoasen ngeengxaki ezihamba nezo zincomo.

3.5 Uluhlu lokuzikhangela

<u>Ubuncinane iinyanga ezi-6 phambi kokuqaliswa kwesigaba seprojekthi eKapa:</u>

1. Ulonyulo olubophelelayo lwamavolontiya liqela le-Stadtoasen

2. Ukunikezelwa kwezi zixhobo zolwazi zilandelayo yi-Stadtoasen kusenzelwa amalungiselelo obuqu:

    - incwadi yesikhokelo yeprojekthi

    - uluhlu lweencwadi nolwee-DVD
      Ezi ncwadi zilandelayo ne-DVD zingabolekwa kwiqela le-Stadtoasen:
      Ach Afrika (Bartholomaeus Grill)
      The long walk to freedom (Nelson Mandela)
      What's Africa's problem (Yuweri Museweni)
      Townships – The spirit of Ubuntu
      Tsotsi (DVD)

Red Dust (DVD)
Cry Freedom (DVD)
Der Rivonia Prozess (DVD)
Drum (DVD)

- uluhlu lwedilesi zoMzantsi Afrika (SEED, Abalimi, Agenda i-ofisi yeSixeko saseKapa) nezase-Aachen (ASI = Aachen South Africa Initiative, InWent, Environmental i-Ofisi yeSixeko sase-Aachen, Partnership Association)

- Bauwagen documentation of the Bauwagen projects in Aachen

Ubuncinane iinyanga ezi-4 ngaphambi kokuqaliswa kwesigaba seprojekthi eKapa:

Amavolontiya kufuneka:

- azimase iprojekthi ye-Bauwagen e-Aachen
- (ngexesha leprojekthi kufuneka basebenze nabantwana, ukuqulunqa iindlela zothatho-nxaxheba lwabantwana, ukuziqhelanisa nemidlalo yabantwana)
- afunde incwadi yesikhokelo
- azimase iintlanganiso zenyanga zekomiti yobuhlakani (de bahambe)
- azifumanele ulwazi nge-Permaculture nangemvelaphi ye-SEED
- aqhagamshelane nabantu abafanelekileyo kule projekhi ye-SEED
- aqulunqe uhlahlo-lwabiwo-mali lwale projekthi
- enze uphawu lweprojekthi belungiselela unyuso-ngxowa (nangesiNgesi ukuze luqondwe ngabantu nangeendlela ezinokunika amathuba)
- enze uluhlu lwabanikeli abanokuxhasa
- abhukishe okanye acele ukugcinelwa indawo kwiinqwelo-moya
- acele amapasi xa kuyimfuneko
- afumane ugonyo lwezifo olucetyiswe yikliniki yabahambayo, ukuba kuyimfuneko (bubulumko ukufumana uginyo lwezifo ezifana necesina, uminxano-mihlathi, ukuminxeka nepoliyo).

Ubuncinane kwiinyanga ezi-2 phambi kokuqaliswa kwesigaba seprojekthi eKapa :

1. Amavolontiya kufuenka azifunele indawo yokuhlala eMzantsi Afrika, ngokukodwa:

   - afumane ababoneleli ngenkonzo yokuqeshisa ngezithuthi ze bathelekise amaxabiso
   - afumane ababoneleli ngenkonzo yendawo yokuhlala ze bathelekise amaxabiso
   - bacacise iimeko zokusetyenziswa kwebhaki ne-ofisi ne-SEED
   - baqhagamshelane neSikolo, babhale ileta enefoto
   - bazicwangcisele ixesha lokusebenza
   - bafumane umzobo/isicweangciso/amafoto omhlaba wesikolo ukuba kuyenzeka (SEED)

2. Ukuba kuyimfuneko kufuneka benze olunye ugonyo lwezifo

3. Amavolontiya kufuneka enze iinkqubo zoNyuso-ngxowa:

   - asebenze ngokukhokelwa luluhlu lweminikelo
   - acele amalizo amahlakani e-SEED eMzantsi Afrika (umzekelo: Abalimi)
   - Bavakalise izimvo ezakhayo zokufumana amalizo
   - Enze uphando ngenkxaso-mali yokufunda (umzekelo: konkreter Friedensdienst)

Isiqingatha sohlahlo-lwabiwo-mali kufuneka sibe sihlawulwe ngeli xesha!

<u>Ngosuku lokuhamba ukuya eKapa:</u>

1. Amavolontiya kufuneka aqhubeke namalinge awo onyuso-ngxowa.

2. **Uhlahlo-lwabiwo-mali maluhlawulwe ngokupheleleyo.**

3. Amavolontiya kufuneka acacise uxanduva, imisebenzi nezinto ezilundelekileyo kule projekthi nezinto abazilindeleyo bona ngokwabo. Iintlanganiso zenyanga nomphathi we-Stadtoasen, amavolontiya angaphambili yaye amalungu obuhlakani aza kuncedisa ukufumanisa oku.

Isihlomelo 1: Isivumelwano se-Bauwagen neSikolo esiKhethekileyo i-K1, eKhayelitsha

Esi sisivumelwano esiphakathi kweProjekthi ye-Bauwagen (“iprojekthi”) neSikolo esiKhethekileyo i-K1 eKhayelitsha (“isikolo”). Isivumelwano sibandakanya wonke umsebenzi owenziwwe kwiprojekthi esikolweni kuqukwa nokutyalwa kohlaza, izixhobo zamabala emidlalo neegadi zemifuno.

Isizathu sesi sivumelwano kukuqinisekisa ukuba imithombo enikezelwe njengeminikelo kwisikolo yile projekthi iyakhathalelwa yaye iyalondolozwa. Ngokwazi oku ke, esi sivumelwano simisela ukuba:

- Zonke iindawo ezityalwe uhlaza neegadi zemifuno zinkcenkceshelwa ubuncinane kabini ngeveki. Lo ngumsebenzi womsebenzi ongumgcini wesikolo. Isikolo kufuneka senze isigqibo ngokuba siza kusebenzisa waphi amanzi kwigadi; nangona kunjalo kufuneka baqwalasele ukuba amanzi kamasipala axabisa kakhulu, ngokukodwa xa esetyenziswa ngalo lonke ixesha ehlotyeni.
- Yonke imifuno efumaneka kulo gadi mayivunwe, ingayekwa de ibole. Isikolo masenze isigqibo ngokuba le mifuno iza kusetyenziswa njani na.
- Iindawo ezityalwe uhlaza negadi yemifuno mazilondolozwe ngawo onke amaxesha (zihlakulwe, zithenwe, njl, njl)
- Izixhobo ezikumabala emidlalo mazilondolozwe ngumgcini wesikolo. Umgcini wesikolo kufuneka azise iqela le-SEED ukuba kukho ingxaki akangenakho ukuyilungisa.
- Wonke umsebenzi wolondolozo nowokunkcenkceshela mawuqhutywe ngalo lonke ixesha leeholide zesikolo. Umgcini wesikolo uza kuba noxanduva koku.

Nceda uqaphele ukuba umntu onoxanduva lwale misebenzi akunyanzelekanga ukuba ibe nguye oyenzayo, kodwa kufuneka aqinisekise ukuba iyenziwa.

Ukungaphumeleli ukuthobela esi sivumelwano kuya kuthetha ukuba yonke inkxaso efumaneka kwiqela leProjekthi ye-Bauwagen nakumahlakani abo enkxaso (SEED ne-Abalimi Bezekhaya) iza kurhoxiswa ze iSikolo esiKhethekileyo i-K1 singabisathathelwa ngqalelo kwiinkxaso zobuhlakani kwixesha elizayo.

Sinethemba lentsebenziswano eyimpumelelo neneziphumo ezintle kunye nokuguqulwa ngempumelelo komhlaba/kwebala leSikolo esiKhethekileyo i-K1.

Sityikitywe:

_____ _____

Egameni leSikolo esiKhethekileyo i-K1 (iNqununu) Egameni leSikolo esiKhethekileyo i-K1 (Umgcini wesikolo)

_____ _____

Egameni leProjekthi ye-Bauwagen Egameni la-Abalimi Bezekhaya

_____

Egameni le-SEED

Isihlomelo 2: Uxwebhu lweSicelo olulungiselelwe amaVolontiya e-Bauwagen

Umbuzo 1
Yintoni eyenze ukuba ube nesigqibo sokwenza isicelo kule projekthi?

Umbuzo 2
Ingaba ithetha ntoni i-Ajenda 21 nophuhliso oluzinzileyo kuwe?

Umbuzo 3
Nika imizekelo ebambekayo yomdla wakho kubuHlakani be-Aachen neKapa.

Umbuzo 4
Luthini uluvo lwakho ngentsebenziswano phakathi kwe-Stadtoasen ne-SEED?

Umbuzo 5
Ucinga ukuba iza kuba yiyiphi imiceli-mngeni ephambili oza kudibana nayo kwilizwe elisaphuhlayo yaye uzimisele ukujongana njani nayo?

Umbuzo 6
Yintoni oyithatha njengeyona mpumelelo yakho inkulu okanye intsilelo yakho kwezinyanga zilishumi elinambini zidlulileyo?

Umbuzo 7
Yintoni etsale umdla wakho ezindabeni mva nje yaye kungokuba kutheni?

Umbuzo 8
Nceda uzichaze ngegama elinye.

Umbuzo 9
Ziziphi izicwangciso zakho ngekamva?

Umbuzo 10
Ingaba umsebenzi wenkxaso kuphuhliso ungena njani kwezi zicwangciso.

Umbuzo 11
Ingaba unazo izimvo ezakhayo zonyuso-ngxowa ngale projekthi?